URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

Ingcaciso ngezitenxo nesikhokelo sokuthintela izitenxo xa kuqhutywa iiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*)/ iSatifikethi seMatriki (*SC*)

UDIDI 1: Iselula kunye/okanye naziphi na iidivayisi ezizii-*electronic devices* – zivuliwe/zicinyiwe		
Inyathelo elithathwa sisikolo	**Okunokuba sisiphumo okunokwenzeka/ izohlwayo kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• Makohluthwe iselula nencwadi yeempendulo (neencwadi zeempendulo) esele zisetyenzisiwe ngumviwa ukuya kuthi ga kwelo nqanaba kuze kubhalwe ngeprinti engqindilili kumphandle wekhava wencwadi yeempendulo (weekhava zeencwadi zeempendulo) "***IRREGULARITY – CONFISCATED ON …. AT ….*" *(date/time/place)*** • Makanikwe umviwa incwadi yeempendulo entsha, ephawulwe kumphandle wekhava, "***NEW ANSWER BOOK - SUPPLIED ON …. AT ….*" *(date/time)*** • Makwaziswe umviwa ukuba makaqhubeke ukubhala iphepha ukususela apho ebephele khona ukubhala, kodwa kungekho xesha liya kunikwa longezelelweyo ukubuyekeza ixesha elilahlekileyo lo gama bekucutshwa yaye kuqwalaselwa isitenxo soviwo. • Makwaziswe umviwa ukuba kuya kunikwa ingxelo ngesitenxo kwiKomiti ejongene neZitenxo yePhondo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (kwiSebe i*WCED*) (*Provincial Examinations Irregularity Committee*) (*PEIC*). • Ngoko nangoko makuxelelwe inqununu okanye umphathi weziko	• Iziphumo zinokubhengezwa njengezililize nento engekhoyo kanye emva kophando. • Umviwa uya kuvunyelwa ukuba abhale kunyaka ozayo (ngokufunyaniswa eneselula). • Umviwa unokuthintelwa ukubhala uviwo ukuya kutsho kwiimviwo ezintathu ezilandelelanayo (ukuba kukho ubungqina obumbeka ityala obufunyaniswe kwiselula/kwidivayisi).	• Umgadi wabaviwa ukhumbuza abaviwa xa bengena kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo ukuba mabacime iiselula zabo kunye/okanye iidivayisi ezizii-*electronic devices* bazifake koobhaka babo. • Umgadi wabaviwa uqinisekisa yaye angqinisise malunga nabaviwa bakhe ngaphakathi kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo ukuba iiselula kunye/okanye iidivayisi ezizii-*electronic devices* ziyangeniswa. • Imigaqo iyafundwa phambi kokuqala koviwo. • Abaviwa abafika emva kwexesha, mabafunde baze basayinele imigaqo yaye bazicime iiselula zabo kunye/okanye iidivayisi ezizii-*electronic devices* bazifake koobhaka babo. • Iziko malibe nenkqubo yokugcinwa ngokunqatyisiweyo kweeselula kunye/okanye kweedivayisi ezizii-*electronic devices* lo gama abaviwa bebhala uviwo. • Uxanduva lwabaviwa: Kukusayinwa kweSithembiso neMvumelwano yokuZibophelela (*Pledge signing and Commitment Agreement*). • Akukho bhaka bavumelekileyo ecaleni kweedesika.

ngesitenxo, noya kuthi azise umphathi wesekethe wesithili kunye neCandelo loLawulo loVavanyo. • Kufuneka itshekishwe iselula ekhona umviwa, ukukhangela nabuphi na ubungqina obumbeka ityala. • Ukuba kufumaneka ubungqina obumbeka ityala, iselula kunye/okanye idivayisi eyi-*electronic device* kufuneka zigcinwe ngokunqatyisiweyo kwisefu. Ubungqina bunako kwakhona ukugqithiselwa kwikhompyutha okanye kufotwe izikrinishothi, emva koko ziprintwe. • Ukuba akukho bungqina bumbeka ityala, ifoni mayibuselwe kumviwa.		

UDIDI 2: Imathiriyeli engagunyaziswanga – kungakhathaliseki nokuba sesiphi na isifundo esibhalwayo		
Inyathelo elithathwa sisikolo	**Isiphumo sokunokwenzeka/ izohlwayo kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• Makohluthwe imathiriyeli embeka ityala,nencwadi yeempendulo (neencwadi zeempendulo) ezisetyenziswe ngumviwa ukuza kuthi ga kweso sigaba yaye zibhalwe ngombhalo ongqindilili kumphandle wekhava (kumphandle weekhava) "***IRREGULARITY – CONFISCATED ON …. AT ….*" *(date/time/place).*** ***("IRREGULARITY – CONFISCATED ON …. AT …." (date/time/place)*** • Makuqhotyoshelwe nayiphi na imathiriyeli embeka ityala kwiskriphthi seempendulo. • Makunikwe umviwa incwadi yeempendulo entsha, ephawulwe kumphandle wekhava, "***NEW ANSWER BOOK – SUPPLIED ON …. AT ….*" *(date/time).*** ***("NEW ANSWER BOOK - SUPPLIED ON …. AT …." (date/time)*** • Makaxelelwe umviwa ukuba makaqhubeke ukubhala iphepha ukususela apho ebephele khona ukubhala, kodwa kungekho xesha longezelelweyo liya kunikwa ngexesha elilahlekileyo lo gama bekucutshwa yaye kuqwalaselwa isitenxo soviwo. • Makwaziswe umviwa ukuba isitenxo eso siya kuchazwa kwi-*WCED PEIC*.	• Iziphumo zinokubhengezwa njengezililize nento engekhoyo emva kophando. • Umviwa unokuthintelwa ekubhaleni uviwo ukuya kutsho kwiimviwo ezintathu ezilandelelanayo ngokuphatha/ngokusebenzisa imathiriyeli engagunyaziswanga.	• Azivumelekanga iiplastikhislivu okanye oobhaka ngaphakathi kwindawo yokubhalela uviwo. • Umgadi wabaviwa ukhumbuza abaviwa xa bengena kwindawo yokubhalela uviwo ukuqinisekisa ukuba abanako nakuphi na imathiriyeli engagunyaziswanga abakuphetheyo • Umgadi wabaviwa uqinisekisa aze akhangele kwakhona ukuba abaviwa abayi-20-30 bakhe abanako nayiphi na imathiriyeli abayiphetheyo. • Kufundwa imigaqo phambi kokuba luqale uviwo. • Abaviwa abafika emva kwexesha mabafunde yaye basayinele imigaqo. • Umsebenzi oluxanduva lwabaviwa: Kukusayina iSithembiso neMvumelwano yokuZibophelela.

• Ngoko nangoko masichazwe isitenxo kwinqununu okanye kumphathi weziko, oya kuthi yena azise umphathi wesekethe wesithili kunye neCandelo loLawulo loVavanyo. • Ngoko nangoko makuchazwe ngesitenxo kwinqununu okanye umphathi weziko,		

UDIDI 3: Umviwa obhale iphepha lemibuzo elingachanekanga (umz. uLwimi lweeNkobe endaweni yoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo)		
Inyathelo elithathwa sisikolo	**Isiphumo sokunokwenzeka/ izohlwayo ezibhekiswa kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• Ngokuxhomekeke kwixesha, makususwe iphepha lemibuzo elingachanekanga kunye nencwadi yeempendulo, yaye kukhutshwe iphepha lemibuzo elichanekileyo kunye nencwadi yeempendulo entsha. • Makanikwe ixesha elongezelelweyo kumviwa ukuba aligqibe ukulibhala iphepha. • Ngoko nangoko masixelwe isitenxo kwinqununu okanye kumphathi weziko, oya kuthi yena azise umphathi wesekethe wesithili kunye neCandelo loLawulo loVavanyo. • Ukuba isitenxo siqapheleke ekupheleni kweseshoni, makuqhagamshelwane neCandelo loLawulo loVavanyo ukufuna ingcebiso phambi kokuvumela umviwa ukuba aphume kwindawo yokubhalela uviwo.	• Umviwa unokungazifumani iziphumo. • Isikolo siya kujongana nenyathelo lezoluleko.	• Amaphepha emibuzo makangqinelane neleta yokwamkelwa kuviwo yabaviwa. • Umgadi wabaviwa kufuneka atshekishe abaviwa abayi-20-30 bakhe ukuba ingaba banamaphepha emibuzo abo phambi kokuqala koviwo. • Umgadi wabaviwa makatshekishe ukuba ingaba iphepha lemibuzo neleta yokwamkelwa kuviwo ziyangqinelana na xa umviwa sele eluqalile uviwo. • Abaviwa mabaziswe ukuba kufuneka baqinisekise ukuba iphepha lemibuzo neleta yokwamkelwa kuviwo ziyangqinelana.

UDIDI 4: Umviwa ufumana uncedo kumviwa ongugxa wakhe		
Inyathelo elithathwa sisikolo	**Okunokuba sisiphumo/ izohlwayo ezibhekiswa kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• Izikolo maziyisuse incwadi yeempendulo yomviwa yaye zikhuphe incwadi yeempendulo entsha. • Incwadi yeempendulo (iincwadi zeempendulo) zakhe nawuphi na omnye umviwa, ezisuka kulowo uncedisiweyo, mazingasuswa, ngaphandle kokuba naye wenze isitenxo.	• Iziphumo zinokubhengezwa njengezililize nento engekhoyo emva kophando. • Abaviwa banokuthintelwa ekubhaleni uviwo ukuya kutsho kwiimviwo ezintathu ngokuphatha/ukusebenzisa imathiriyeli engagunyaziswanga .	• Abagadi babaviwa kufuneka basoloko bethe qwaa. • Abagadi babaviwa kufuneka bahamba-hambe phakathi kwabaviwa abayi-20-30 babo. • Uxanduva lwabaviwa: Kukusayinwa kweSithembiso neMvumelwano yokuZibophelela (*Pledge signing and Commitment Agreement*).

UDIDI 5: Umviwa uphume kwigumbi lokubhalela uviwo kunye nencwadi yeempendulo kunye/okanye isikriphthi seempendulo		
Inyathelo elithathwa sisikolo	**Okunokwenzeka okusisiphumo/ izohlwayo eziya kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• UMgadi waBaviwa oyiNtloko/uMgadi waBaviwa oMkhulu kufuneka aqinisekise ukuba isikriphthi seempendulo asifakwanga kwibhetshi ekwenye ibhetshi. • Makutshekishwe izikriphthi zeempendulo ezingasetyenziswanga namaphepha emibuzo ukulungiselela isikriphthi seempendulo esingekhoyo phakathi kwezinye. • Makuqhagamshelwane nomviwa ukuba abuyise incwadi yeempendulo. • Ngoko nangoko makuxelwe isitenxo kwinqununu okanye kumphathi weziko, oya kwazisa umphathi wesekethe wesithili kunye neCandelo loLawulo loVavanyo/neCandelo leeMviwo.	• Iziphumo zinokubhengezwa njengezililize nento engekhoyo. • Umviwa uya kuvunyelwa ukuba abhale ngonyaka olandelayo.	• Kufuneka kubekho umgadi wabaviwa esangweni lendawo yokubhalela uviwo ukutshekisha ukuba abaviwa abemki nezikriphthi zeempendulo . • Mazisoloko zithathwa izikriphthi zeempendulo kwidesika yomviwa. • Abagadi babaviwa mabazithathe izikriphthi zeempendulo kwidesika yomviwa. • Isikriphthi seempendulo kufuneka siqale sithathwe, sitshekishwe ukuqinisekisa ukuba zonke izihlomelo zifakiwe. • Umviwa makanikwe iRejista yoLawulo lweZikriphthi zeeMpendulo (*Script Control Register*) (*SCR*)) ukwenzela ukuba zisayinwe. • Basenokuvunyelwa abaviwa ukuphuma kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo kuphela xa zonke izikriphthi zeempendulo zingeniswe, zabalwa zaze zaqinisekiswa ukungqinelana nemakhishithi kunye neSCR. • Amaphepha emibuzo asetyenzisiweyo anokushiywa kwiidesika zabaviwa.

UDIDI 6: Isikriphthi seempendulo esifakwe kwibhetshi ngokungachanekanga – esingalandelelwanisanga ngokungqinelana nemakhishithi nganye		
Inyathelo elithathwa sisikolo	**Isiphumo esinokwenzeka/ izohlwayo eziya kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• Zonke izikriphthi zeempendulo mazifakwe kwiibhetshi ngokolandelelwano ngokungqinelana nemakhishithi kuqukwa abaviwa ababebhalele kwindawo yokubhalela uviwo ezimeleyo.	• Sisenokungamkelwa isikriphthi seempendulo ngokuxhomekeke kuphando. • Zisenokulibaziseka iziphumo zomviwa.	• Iibhetshi maziquke imakhishithi ne-*SCR*. • Makubalwe izikriphthi zeempendulo yaye kuqinisekiswe ukuba zingqinelana nenani eliphawulwe njengabakhoyo kwimakhishithi, inani elisayinelweyo kwi-*SCR* netotali ebhalwe kwisisongelo *(wrapper)*.

UDIDI 7: Isikriphthi seempendulo esingekhoyo phakathi kwezinye okanye esilahlekileyo – esifunyenwe phakathi kwamaphepha emibuzo kunye/okanye kwimathiriyeli engasetyenziswanga kwigumbi elinqatyisiweyo		
Inyathelo elithathwa sisikolo	**Isiphumo esinokwenzeka/ izohlwayo eziya kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• Ngoko nangoko makuxelwe isitenxo kwinqununu okanye kumphathi weziko, oya kuthi yena azise umphathi wesekethe wesithili kunye neCandelo loLawulo loVavanyo/neCandelo leeMviwo.	• Sisenokungamkelwa isikriphthi seempendulo ngokuxhomekeke kwisiphumo sophando. • Zisenokulibaziseka iziphumo zomviwa.	• Iizikriphthi zeempendulo mazithathwe kwiidesika zabaviwa. • Abagadi babaviwa mabatshekishe ukuba zonke izihlomelo ezifanelekileyo zifakiwe. • Abaviwa mabasayinele i-*SCR*. • Basenokuvunyelwa abaviwa ukuphuma kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo kuphela xa zonke izikriphthi zeempendulo zingenisiwe, zabalwa zaze zaqinisekiswa ukungqinelana nemakhishithi ne*SCR*. • Kuphela makuqokelelwe amaphepha emibuzo nje ukuba ZONKE izikriphthi zeempendulo zingeniswe kumgadi wabaviwa okanye bashiye amaphepha emibuzo kwiidesika. • Ukupakishwa kweebhetshi makuqhubekele ngaphakathi kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo yaye izikriphthi zeempendulo kufuneka zifakwe yaye zitywinelwe kwingxowa yeplastikhi ekrelekrele (kwiingxowa zeplastikhi ezikrelekrele) eziphawulwe ngo-***Return of Answer Scripts*** ngaphakathi kwindawo ekubhalelwa kuyo uviwo.

UDIDI 8: Isikriphthi seempendulo esifunyenwe kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo kusuku olusemva kokubhalwa koviwo		
Inyathelo elithathwa sisikolo	**Okunokwenzeka okusisiphumo/ izohlwayo eziya kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• Ngoko nangoko makuxelelwe inqununu okanye umphathi weziko ngesitenxo, noya kuthi azise umphathi wesekethe wesithili neCandelo loLawulo loVavanyo/neCandelo leeMviwo.	• Sisenokungamkelwa isikriphthi seempendulo ngokuxhomekeke kwisiphumo sophando. • Zisenokulibaziseka iziphumo zomviwa.	• Basenokuvunyelwa abaviwa ukuphuma kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo kuphela zakuba zonke izikriphthi zeempendulo zingenisiwe, zabalwa zaze zaqinisekiswa ukungqinelana nemakhishithi ne*SCR*, . • Ukupakishwa kweebhetshi makuqhubekele ngaphakathi kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo yaye izikriphthi zeempendulo kufuneka zifakwe yaye zitywinelwe kwingxowa yeplastikhi ekrelekrele (kwiingxowa zeeplastikhi ezikrelekrele) eziphawulwe ngo-***Return of Answer Scripts*** ngaphakathi kwindawo ekubhalelwa kuyo uviwo. • Bakuba bonke abaviwa behambile kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo, umgadi wabaviwa ngamnye kufuneka atshekishe ukuba zonke iidesika zicociwe yaye abaviwa abayi-20-30 abashiyanga nto ngemva.
UDIDI 9: Izikriphthi zeempendulo mazingeniswe ngokuzimeleyo – ezingahambi kunye nebhetshi echanekileyo		
Inyathelo eliya kuthathwa sisikolo	**Okunokwenzeka okusisiphumo/ izohlwayo eziya kumviwa**	**Ukuthintelwa kwesitenxo**
• Ngoko nangoko makuxelelwe inqununu okanye umphathi weziko ngesitenxo, noya kuthi azise umphathi wesekethe wesithili neCandelo loLawulo loVavanyo/neCandelo	• Sisenokungamkelwa isikriphthi seempendulo ngokuxhomekeke kwisiphumo sophando. • Zisenokulibaziseka iziphumo zomviwa.	• Basenokuvunyelwa abaviwa ukuphuma kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo kuphela zakuba zonke izikriphthi zeempendulo zingenisiwe, zabalwa zaze

leeMviwo.		zaqinisekiswa ukungqinelana nemakhishithi ne*SCR*. • Ukupakishwa kweebhetshi makuqhubekele ngaphakathi kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo yaye izikriphthi zeempendulo kufuneka zifakwe yaye zitywinelwe kwingxowa yeplastikhi ekrelekrele (kwiingxowa zeplastikhi ezikrelekrele) eziphawulwe ngo-***Return of Answer Scripts*** ngaphakathi kwindawo ekubhalelwa kuyo uviwo.

Okubaluleke gqitha omakuqatshelwe:

- Abagadi babaviwa mabatikishe abaviwa abakhoyo kwimakhishithi emva kokuba idlule iyure yokuqala.

- I-*SCR* mayisayinwe kuphela ngabaviwa emva kokuba umviwa engenise incwadi yeempendulo, ekufuneka ukuba itshekishwe ngumgadi wabaviwa ukuqinisekisa ukuba zonke izikriphthi zeempendulo(apho kufanelekileyo) zifakiwe.

- Phambi kokuba iibhetshi zitywinwe ikwiingxowa zeplastikhi zaza zathathwa zasiwa kwigumbi elinqatyisiweyo, imakhishithi, i-*SCR* nesisongelo mazingqinelane enye nenye.

- Kubaluleke gqitha ukuba izikriphthi zeempendulo zibalwe ngesandla.

- Umgadi wabaviwa makeme emnyango apho abaviwa baphuma khona ukuqinisekisa ukuba akukho mviwa uphuma nesikriphthi seempendulo kunye/okanye incwadi yeempendulo.